Publication: Pondo News
Date: Friday, November 30, 2018
Page: 4

# Kuvulwe amathuba emisebenzi

Ngu: Lihle Jijingubo

**MOUNT FRERE: Umasipala wesithili i-Alfred Nzo District Municipality ngoLwesithathu uphehlelele ngokusesikweni inkqubo ye-Extended Public Works Programme kule dolophu.**

Lo Masipala ukwenza oku ngeenjongo zokuvula amathuba emisebenzi kwakunye nokugxotha ikanti elele eziko kumakhaya ase-Alfred Nzo. Iingxelo zithi, esi sithili sesona sithili sihamba phambili ngendlala kwilizwe lo Mzantsi Afrika liphela kanti sesona sithili sinabantu abaninzi kwiphondo leMpuma Koloni.

Usodolophu wase-Alfred Nzo uSixolile Mehlomakhulu uxelele abahlali ebebeyinxalenye yalo msitho ukuba ukuvula amathuba emisebenzi kunye nendlala zizinto ezingundoqo kuRhulumente welizwe. Uqhubele phambili ngelithi, "Igqala le-ANC uNelson Mandela ngonyaka ka1994 wathi akunakubakho nkululeko kwezopolitiko ukuba abantu besosizwe bayaqhubeka belamba kungoko behambisa iinkonzo ezifana nezi benguMasipala."

Usodolophu uthe i-Alfred Nzo inabemi abangaphaya kwesigidi uninzi lwabo oluxhomekeke kwimali yesibonelelo sikaRhulumente ,abantu abatsha abangaqeshekiyo ngenxa yokuba bengenazog izakhono okanye imfundo. Yimali ezizigidi ezingamashumi amane eeRandi echithwe kule nkqubo.

Ilungu lendlu yowisomthetho eMpuma Koloni uNomvuyo Mokopane ubongoze abantu ukuba babeyinxalenye yokuphuhlisa i-Alfred Nzo.




Usomlomo wase-ANDM uSimthembile Kulu, usodolophu wase-Alfred Nzo uSixolile Mehlomakhulu kunye noceba wase-Alfred Nzo uNathi Nqoko kumsitho wokuphehlelela inkqubo ye-EPWP

This material has been copied under a Not Selected licence and is not for resale or retransmission.